



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

GRADE 12

SEPTEMBER 2019

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-10.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpindulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kuyamkeleka ukusetyenziswa kwegama elisuka kolunye ulwimi kwitekisi ukuba liyayincedisa impendulo oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpindulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANISO/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyaniswe.
6. Ukuba kufunwa iimpindulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****1.1 ISICATSHULWA**

- 1.1.1 UGugulethu Mhlungu.√ (1)
- 1.1.2 C.√ /C Ukucacisa into.√ (1)
[Nayiphi na kwezi]
- 1.1.3 Umzali ngamnye ubafunela okugqibeleleyo nokubakhulisa kwindawo ebhetele neza kubanceda abantwana bakhe.√√ (2)
- 1.1.4 Kuba ikhulisa amathuba okuphuma kubuhlwempu √/ idlala indima enkulu.√ (1)
[Nayiphi na kwezi]
- 1.1.5 Ufumanisa ukuba umntwana ufezekisa iminqweno yabazali bakhe.√√ (2)
- 1.1.6 Ulumkisa ukuba abazali bangafezekisi iminqweno yabo ngaphezu kweemvakalelo zomntwana kuba loo nto ingamtshabalalisa umntwana.√√ (2)
- 1.1.7 Yinyani, ngokwesicatshulwa kubalulwa ukuba xa umntwana exhaswa ngabazali uyaphumelela.√√ (2)
Luluvo. Abukho ubungqina obuveza ukuba abantwana abangaxhaswayo abaphumeleli. √√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo]
- 1.1.8 Ingqamane nezinto ezingakhange umzali azigqibe ebomini.√√ (2)
- 1.1.9 Uyasilela ngokweemvakalelo.√ (1)
- 1.1.10 ... ukulumkisa.√ (1)
- 1.1.11 Abantwana abakwazi ukuma √√/ ukuziphilela bazihoye kuba baqhele ukuzifihla √√/ ukusithela kubazali babo. √√ (2)
[Nayiphi na kwezi]
- 1.1.12 Vuma mzali ube ngumzali obukela ukukhula komntwana ngendlela efanelekileyo hayi ukukhulisa ngesandla esikhubaza indalo nobume bomntwana wakho. √ (1)
- 1.1.13 Abazali mabavumele abantwana bazazi ngokupheleleyo hayi ukubanika inkxaso enoxinzelelo.√√ (2)
- 1.1.14 Umxholo ungeengcebiso kwikamva labantwana kodwa lo mhlathi uchasene neengcebiso.√√ / Umzali wenza into akholelwa kuyo akamameli ngcebiso ngokukhulisa ikamva lomntwana ube umxholo ungeendlela zokwakha ikamva eligqibeleleyo lomntwana.√√ (2)
[Nayiphi impendulo esemxholweni iyakwamkeleka]
- 1.1.15 Inkomo enotshoba ayinqandwa.√√ (2)

- 1.2.1 Ikati.√ nempuku.√ (2)
- 1.2.2 Ikati ikhuphe amehlo ijamile√ ngelixa impuku incwine amehlo kukoyika.√ (2)
- 1.2.3 Hayi- Abukho ubudlelwane ziintshaba azihlalelani.√√ Indlela ezijongene ngayo ibonisa ubutshaba / ukungavani.√√ [Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

2.1 Ukumakisha isishwankathelo:

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo-manqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7(inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

Ubalo-magama:

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

IINGONGOMA EZICATSHULWE NJENGOKO ZINJALO.		IINGONGOMA EZINOKUBHALWA NGUMFUNDI.	
1.	Sinomlilo wamalahle ovelisa amandla kwiinjini zoololiwe. Olu didi lunamandla amakhulu kakhulu.	1.	Umlilo wamalahle wenza iinjini zoololiwe zibe namandla amakhulu.
2.	Kuthe ngokuhamba kwamaxesha kwavela ezinye iindlela zokuvelisa amandla njengomlilo wolwelo olufana nepetroli nedizili ezisetyenziswa zizithuthi. Kanti ulwelo olufana neparafini okanye isipiriti nazo ziyasetyenziswa ekwenzeni umlilo	2.	Iinqwelo mafutha zisebenzisa umlilo wolwelo ofana neepetrol needizili kanti neparafini nesipirithi zilulutho ebantwini.
3.	Imizi mveliso emikhulu yona isebenzisa ugesi nombane ukwenza umlilo. Ezi ke iindidi zomlilo zixhaphakile kubomi bakutsha nje zikwaphuhlisa uqoqosho lwelizwe	3.	Ugesi wombane osetyenziswa ziifektri unceda ekukhuliseni ezoqoqosho.
4.	Ukho ke nalo umbane wendalo uvelisa umlilo xa kududuma kubaneka, lowo ke umlilo uyingozi kakhulu, wenza abantu balahlekelwe zizinto zabo zexabiso kunye nemizi. Wobeva abantu abakhulu belumkisa xa bebona imozulu itshintsha ineendudumo nemibane	4.	Umlilo oveliswa ngumbane wendalo ohamba neendudumo uyingozi.
5.	Owona mlilo uneendleko ezingaphakamanga kakhulu ngulo weenkuni. Unegalelo elikhulu ekutshabalaliseni izityalo zemveli. Kwalo mlilo weenkuni unembali yemveli kwezongqulo, kwaye udlala indima enkulu ekugcineni amakhaya efudumele.	5.	Umlilo weenkuni nangona umosha indalo, ubalulekile kwimisebenzi yesiNtu ukwashushubeza namakhaya.
6.	Amakholwa ezinye iinkonzo xa ethetha ngomlilo wamazulu awuchaza njengomlilo ovuselela umphefumlo, odala amandla ebomini bomntu oyivumileyo inkosi ngomlomo, aze akholwe ngentliziyo. Loo mntu kuthiwa unomlilo wamazulu.	6.	Umlilo wenkolo yobuKrestu uphilisa umphefumlo kwaye ukhulisa nomoya wokukholwa.
7.	Uvutha. Umlilo kasathana umlilo ongendawo otshabalalisa ngesikhawana. Uthi ubani ewucima ube ungacimeki kuba ngumlilo oze ngenkohlakalo. Abantu abaninzi banembali ngolu didi lwalo mlilo, loo nto bayawoyika kuba imvelaphi yawo yeyobumnyama.	7.	Uvutha ngumlilo ongumtshabalalisi ongacimekiyo.

8.	Kule mihla kuxhaphakile ukuva umntu xa echazwa kuthiwe 'Unomlilo' lude luthi ulutsha 'Uthe zibane'. Le ntetho icacisa ukuba lowo sithetha ngaye uyayazi akayifuniseli loo nto kuthethwa ngayo. Umzekelo, ULizo akasoze aqhathwe kwezoqoqosho, kaloku yena unomlilo kwelo cala. (122 amagama)	8	Umntu onolwazi kuthiwa unomlilo. [Nasiphi isixhenxe seengongoma esichanekileyo.] (62 amagama)
----	---	---	---

QAPHELA: Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C:**Ukumakisha iCandelo C**

1. Upelo
 - Iimpindulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpindulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impindulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impindulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempindulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impindulo ebhalwe ngokupheleleyo.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

- | | | |
|-----|---|-----|
| 3.1 | Ariel√ / umgubo wesepha. √
[Nayiphi na kwezi] | (1) |
| 3.2 | 0864084033 √ | (1) |
| 3.3 | Kubantu abanemali yokuyithenga nabathanda oludidi lwesepha. √√/ kubantu abathanda ukusebenzisa le sepha. √√
[Nayiphi na kwezi] | (2) |
| 3.4 | Ukubonisa lo mgubo ukho nasesikhaftinini, awukho kwiqokobhe kuphela. √ | (1) |
| 3.5 | Umfanekiso wendoda √ / mfana, nakwisibhengezo kukhankanywe amadoda / 'Madoda nantso masiyizameni nathi. √ | (2) |
| 3.6 | Impahla ezimdaka zizakungena kweli gongqo zihlanjwe zicoceke. √√ | (2) |
| 3.7 | B.√ B/Kumgubo ogqibeleleyo. √
[Nayiphi na kwezi] | (1) |

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

- 4.1 Egumbini lokufundela $\sqrt{\quad}$ / eklasini $\sqrt{\quad}$ kuba Utitshala uthetha nabafundi. $\sqrt{\quad}$ (2)
- 4.2 B. $\sqrt{\quad}$ B/Sibonisa ukudana. $\sqrt{\quad}$
[Nasiphi na kwezi] (1)
- 4.3 $\frac{10}{10} \sqrt{\quad}$ (2)
- 4.4 Uyavuya. $\sqrt{\quad}$ wonwabile. $\sqrt{\quad}$
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 4.5 Kwekhu! $\sqrt{\quad}$ (1)
- 4.6 Alungile, kuba enza esi sibini sizibone ukuba sishiyeke sodwa kule nto yokungafundi. $\sqrt{\quad}$ / Avuselela umsindo wokuba esi sibini sizimisele. $\sqrt{\quad}$
- Awalunganga kuba endaweni yokubakhuthaza ayabatyhafisa. $\sqrt{\quad}$ / Abulala imimoya yesi sibini sizibone njengabantu abangakwazi kwenza nto. $\sqrt{\quad}$
[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

[10]**UMBUZO 5****IPROZI**

- 5.1 5.1.1 Ingcambu. $\sqrt{\quad}$ (1)
- 5.1.2 Ilizwe liza $\sqrt{\quad}$ kuba yintombazana ngaloo $\sqrt{\quad}$ mini. (2)
- 5.1.3 Kwakukho izilwanyana ethafeni. $\sqrt{\quad}$ / izilwanyana endle. $\sqrt{\quad}$
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.1.4 Umahlalela. $\sqrt{\quad}$ Izolo elalini ubethwe kakhulu umahlalela. $\sqrt{\quad}$ (3)
- 5.1.5 C $\sqrt{\quad}$ C /Isalathandawo. $\sqrt{\quad}$ Isalathandawo. $\sqrt{\quad}$
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.1.6 Uqhuba amatakane. $\sqrt{\quad}$ (2)
- 5.1.7 Ucacisa isibizo esixeliweyo. $\sqrt{\quad}$ / wandulela/ ukhokele isibizo. $\sqrt{\quad}$
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 5.1.8 Isiqaqambisi. $\sqrt{\quad}$ /Isifanadumo. $\sqrt{\quad}$
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.1.9 Ukuzivalela. $\sqrt{\quad}$ (1)

[14]

5.2 UMFANEKISO

5.2.1 IClere igcina ulusu kakuhle. √√ (2)

5.2.2 Isenzi Ixesha
Zingce. √ Langoku. √ (2)

5.2.3 Ubonisa ubuncinci ngokuzalwa. √√ (2)

[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80